ITSHATHA YONIKEZELO LWEENKONZO

INkonzo yamaThala eeNcwadi yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ngale Tshatha yohambiso-nkonzo, izinikela ekuncediseni oomasipala ukuba bakubonelele (wena) ngeenkonzo zamathala eencwadi karhulumente. Masilwenze ngcono sibambisene uhambiso-nkonzo.

Indima Yethu Ngakuwe

- Siya kukubhalela sikuchazele ukuba siyifumene imbalelwano osithumele yona kwisithuba esiphakathi kweentsuku ezintlanu siyifumene.
- Siya kukuphendula ngemiba osibhalele ngayo kwisithuba esiphakathi kweentsuku ezilishumi elinesine (14) zokusebenza.
- Siya kuwuphendula ungadanga wakhala kahlanu umnxeba.
- Wonke oze kuthi ngemicimbi ethile siya kumhoya sithobile, simnike imbeko nentlonipho ngawo onke amaxesha.
- Siya kuziphulaphula izidingo zabasebenzisi beenkonzo sive nango mgangatho wenkonzo abayilindeleyo.
- Siya kulukhupha silubeke ekuhleni ulwazi neengcebiso xa zicelwa singenamkhethe.
- Siya kubonelela ngenkonzo ekhawulezileyo nefezekileyo ngokwemigangatho yohambiso-nkonzo efanelekileyo.

Indima Yakho Ngakuthi

- Kukuba ube nobuntu uwanike imbeko amagosa akubonelela ngenkonzo ethile.
- Kukuba unyaniseke xa uze kuthetha nathi.

UMBONO WETHU

Umbono weSebe kukwenza igalelo kwiNtshona Koloni ebandakanya wonke umntu, enobuchule, eqhagamsheleneyo nekhutheleyo.

INJONGO YETHU

Umnqophiso weSebe kukukhuthaza ugqweso kunye nobandakanyo lwakhe wonke ubani kwezemidlalo nakwezenkcubeko ngosetyenziso lwezibonelelo ngokufezekileyo, ngokucikizekileyo nangendlela engazixhaphaziyo, oko kusenziwa ngokwakha ubuhlakani namanye amaqumrhu afanelekileyo. Njengokuba siqhuba sijolise ekubeni sigqwese koko sikwenzayo, siza kwenza iimeko eziza kwenza izinto zifikeleleke ngobuninzi, ukuqatshelwa kweetalente nokuphuhliswa kwezakhono.

IINKONZO ZETHU

ISebe libanceda bonke oomasipala abaseNtshona Koloni ukuba babonelele ngenkonzo zamathala eencwadi eluntwini. Oomasipala banoxanduva lokujongana nolawulo lwala mathala eencwadi karhulumente. INkonzo yamaThala eeNcwadi yeNtshona Koloni iinamacandelo amathathu achazwe apha ngezantsi.

UQuquzelelo loMmandla

UQuquzelelo loMmandala olunamathala eencwadi eengingqi ali-15 lumele:

- Ukubonelela amathala eencwadi karhulumente ngezinto azidingayo.
- Ukubonelela ngeengcebiso nokunika isikhokelo kubaphathi bamathala eencwadi.

UQuquzelelo lo kuNdlu-nkulu

- Ukuququzelela ukuthengwa kwezinto zamathala eencwadi.
- Ukubonelela ngenkxaso yezobuchwepheshe ukucwangcisa ezo zinto zamathala eencwadi.
- Ukuphakamisa ukubaluleka kwamathala.
- Ukunika inkxaso yolawulo.
- Ukunika inkxaso kumathala encwadi.

Iinkonzo zeNkxaso kooMasipala

ICandelo leNkxaso-mali kooMasipala lijongene noxanduva lokwaba nokuwelisela imali koomasipala ukuze babe nako ukuyichitha kumathala eencwadi, enye bayichithele ukuhlola indlela eyenziwe ngayo loo nkcitho. Ikwajongene nokubaxhobisa ngezakhono.

ICandelo lokuKhuliswa kwamaThala eeNcwadi kaRhulumente limele iiprojekthi ezilawulwa kundlunkulu phaya kumathala eencwadi karhulumente, umz. iProjekthi yokuQhagamshelanisa amaThala eeNcwadi asemaPhandleni, iiprojekthi zamathala eencwadi amatsha nezamathala amatsha amancinci.

Siluxabisile Ufikeleleko

Yiyo loo nto izakhiwo zethu zifikeleleka lula ebantwini ababandezeleke ngokwamalungu omzimba.

Izakhiwo zethu zicace gca ngoba zinemibhalo ebonakalayo.

INcwadana yoFikeleleko yethu esisalathisi ineenkcukacha zabaphathi nabalawuli kunye namacandelo emisebenzi ngokunjalo neShedyuli yeMigangatho yeeNkonzo yeNkonzo yamaThala eeNcwadi iyafumaneka kule webhusayithi: http://www.westerncape.gov.za/library.

Ukuba kuyenzeka, siya kuzamela ukuba iinkonzo zethu sizinikeze ngeelwimi zontathu ezisesikweni apha eNtshona Koloni.

Ii-ofisi zethu zivulwa ngala maxesha:

7:30–16:00 nguMvulo ukuya kutsho ngoLwesihlanu

Icebo Lokulungisa Izinto Zethu

Ukuba unesikhalazo, nceda usixelele. Khumbula ukuba izikhalazo ngenkonzo yamathala eencwadi kufanele ukuba ziqwalaselwe ngumasipala ochaphazelekayo. Ukuba akwanelisekanga yimpendulo kamasipala lowo, siya kwenza uphando sive okwenzekileyo size sikunike impendulo kwisithuba esiphakathi kweentsuku ezili-14 zokusebenza.

Ukuba asikwazi ukukuphendula kwangoko emnxebeni, siya kukunika igama lomntu ofanalekileyo ukuba ajongane nalo mbandela, ze sikuxelele ukuba ungayilindela nini na impendulo.

Uyamenywa ke ukuba uthumele iingcebiso, izincomo, zigxeko okanye izindululo zakho ngendlela esinokuwuphucula ngayo umgangatho weenkonzo zethu kwiNtloko yeNkonzo yamaThala eeNcwadi

INtloko: INkonzo yeThala leeNcwadi, PO Box 2108, eKapa, 8000. Umnxeba: 021 483 2273, i-imeyili: Cecilia.Sani@westerncape.gov.za

Iziko loNcedo likaRhulumente weNtshona Koloni: 0860 142 142 (ukususela kwintsimbi yesi-07:00 kusasa ukuya kweye-19:00)

URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

IsiBophelelo sikaGunyaziwe oLawulayo:

Mna, Anroux Marais, ndibophelela iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokweCandelo III, C.2 lePublic Service Regulations, 2001 njengoko wenziwe izilungiso, ukuba lithobele le tshatha.

AMaraiSx 01/04/2018

Anroux Marais